Imiyalelo yezoNqulo iklasi 2

Isihloko sesifundo: UYesu uthuma abaPostile aze Yena anyukele kuYise

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya

Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo seziyalo ngezoNqulo esithi " UYesu uthuma abaPostile aze anyukele kuYise"

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS
2.	Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo: • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele silungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl.njl • Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela Qaphela: 2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa. . 2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45. 2.3: Isifundo seseklasi ngaye (umz.Isikolo seCawa, ezoNqulo okanye Isiqinisekiso). 2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesikolo seCawa ukuba ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela athanda ukuba usenze ngayo.

Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. Umzekelo: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	.Fundisa isifundo ngokuthi umbalisele ibali umntwana wakho. Usenokulifunda ibali ukuba uyathanda
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo yesifundo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomsebenzi
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwiezoNqulo.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukufumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).

4. Thetha kunye nomphathi webandla wesikolo seCawa okanye utitshala wezoNqulo ukufumana ulwazi olongezelelekileyo.

Isifundo

Isihloko seSifundo	UYesu uthuma abaPostile aze anyukele kuYise
Isicatshulwa seBhayibhile	UMateyu 28: 19-20; Izenzo 1: 4-11 1 Tesalonika 4: 13-18
Injongo yesifundo	Abantwana bafunda ukuba abaPostile bakaYesu basilungiselela ukubuya kukaYesu

Isishwankathelo sesifundo:

• Emva kokuba uYesu evusiwe kwabafileyo, waphila ngonaphakade.
•Emva kokuvuka kwakhe, uYesu wachitha iintsuku ezingama-40 enabafundi bakhe kwaye ngeli xesha wabanika umsebenzi omtsha.
• UYesu wathi: "Hambani niye kuzenza abafundi zonke iintlanga (okuthetha bonke abantu), nibabhaptizela egameni loYise, loNyana, loMoya oyiNgcwele (uThixo Oziqu zithathu) nibafundisa ukuba bazigcine (okuthetha bathobele) zonke izinto endiniwisele umthetho ngazo". Mateyu 28: 19
• UYesu wayefuna ukuba bangene ehlabathini baxelele abantu ngoYesu.
• Lo msebenzi WAWUMKHULU KAKHULU, siwubiza ngokuba Kukuthunywa okukhulu.
• Lo isengumsebenzi wethu nanamhla
• Lo ngumsebenzi wethu namhla
•Emva kweentsuku ezingama-40, uYesu wakhokelela abafundi ngaphandle kwesixeko ukuya eBhethani, waziphakamisa izandla zakhe wabasikelela. Logama wayebasikelela, wasuswa kubo wanyuselwa ezulwini.
• Abafundi bonke babebukele bemangalisiwe njengoko uYesu wayenyamalala esibhakabhakeni.
• Kweza iingelosi ezimbini zema ngakubo. Zathi kubo: "Madoda maGalili, nimeleni na nondele ezulwini? Kwayena lo Yesu unyusiweyo kuni wasiwa emazulwini, uya kuza ngolu hlobo nimbone esiya ngayo emazulwini." Izenzo 1: ivesi 11
•Bakuba bevile ukuba uYesu uza kubuya, bavuya kakhulu abafundi.
• UYesu wathembisa, ukuba baya kwamkela amandla xa uMoya oyiNgcwele usiza phezu kwabo, kwaye ukuba uYesu uyakuba nabo de lixesha lesiphelo.
• Abafundi kwafuneka babuyela eYerusalem ukuya kulinda ude ufike uMoya oyiNgcwele.

UYesu uthuma abaPostile aze anyukele kuYise

Ingaba abaPostile balwenza njani olu thumo namhlanje?

KwiBandla Elitsha lobuPostile, abaPostile benza olu thumo ngoku:
•shumayela ivangeli kaYesu Krestu,
•bhaptiza ngamanzi (isakramente yoBhaptizo eNgcwele),
•bhengeza / kwazisa ukuxolelwa kwezono,
•nikezela uMthendeleko oNgcwele,
•thulula isipho soMoya oyiNgcwele (isakramente yoTywino oluNgcwele),
• milisela izisebenzi,
• bhengeza / ukukwazisa ngokufa kukaKrestu, uvuko, kunye nokubuya, kunye
• qokelela iintlahlela (abathembekileyo, abo bathobela imiyalelo kaThixo) kwaye babalungiselela ukuba babe nobudlelwane obungunaphakade kunye noThixo ekubuyeni kukaKrestu.

Unyuko lwethu-uguqulo lwethu:

•Xa iNkosi uYesu ibuya, sakuba namava lolwethu ulonyuko, okuthetha ukuguqulwa kwethu.
•Kuma 1 Tesalonika 4: 13-18, siva ukuba ngomhla wokubuya kukaYesu, ixilongo likaThixo liya kukhala, emva koko, uYesu ngokwakhe uya kuhla evela emazulwini.
•Abo bafe bekholelwa kuThixo, baya kuvuka ebomini kuqala, baphakanyiselwe emafini. Abo baphilayo emhlabeni, nabakholelwa kuThixo, baya kuthatyathelwa emafini kunye nabo, baya kuhlangana noYesu emoyeni. Konke oku kuya kwenzeka ngokokuqhwanyaza kweliso. Emva koko siya kusoloko sikunye neNkosi.
•Kuyintuthuzelo kuthi, ukukwazi ukuba sakuba kunye neNkosi ngonaphakade, kwanokubona abantu bethu esibathandayo abakwelingaphesheya ngenye imini, ekubuyeni kukaKrestu.

UYesu uthuma abaPostile aze anyukele kuYise

Isifundisa ntoni le nto?

•Kufuneka sixelele abanye (abahlobo, usapho njl.njl.) ngoYesu, nangezinto asenzele zona.
•Ukuze singene ebuKumkanini baKhe ekubuyeni kukaKrestu, kufuneka sikholelwe kaThixo, sithobele imithetho neemfundiso zaKhe. Ngamaxesha onke khumbula, ukuba siphila kubabalo lukaThixo kwaye sisebenzisa iziphiwo asinike zona, sinako ukubona iziqhamo zoMoya oyiNgcwele ebomini bethu.
Masiphile ubomi bethu ngale ndlela, ukuba iNkosi uYesu ingabuya nangaluphi na usuku, ukuze sifumaneke silungile, ukungena ebukumkanini bakhe, ekubuyeni kwakhe, size siphile naye ngonaphakade.

Yenza umsebenzi 1, 2 no 3 kunye nomntwana wakho uphendule imibuzo.

Iimpendulo zomsebenzi 3:

Uvesi 14-Abalele ukufa baya kuyibona iNkosi ngaphambi kwethu
Iivesi 15-16-Okokuqala, abantwana abakholwayo bakaThixo abasuka kwintlalo yabalele baya kuvuka
Iivesi 17-18 – Emva koko, abantwana abakholwayo bakaThixo abasaphilayo emhlabeni baya kuthatyathelwa kuYesu.

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. Ngokusekelwe kwisifundo sethu, kundawoni eBhayibhileni apho kubhalwe ukuthunywa kwabaPostile?
Impendulo: UMateyu 28: 19-20
2. Bangaphi abantu ababonakala kubafundi emva kokuba uYesu enyukele ezulwini?
Impendulo: Babini
3. Emva kweentsuku ezingaphi uYesu wanyukela kuYise emazulwini?
Impendulo: Iintsuku ezingama-40
4. Ekubuyeni kukaKrestu, ngobani abaya kuthatyathwa kuqala?
Impendulo: Ngabalele ukufa ababekholelwa kuThixo
5. Masenze ntoni ukuze singene ebukumkanini bukaThixo ngenye imini?
Impendulo: kufuneka sikholelwe kaThixo siyothobele imithetho neemfundiso zaKhe

Umthandazo katata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kuwe

Thumela uYesu ukuba asilande

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen

Amanqaku abalulekileyo